Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND
JUNI 2018

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

NGENTLAZANE- IINGXOXO NGOSHISHINO E-HANGKLIP-KLEINMOND *ZINGOPHUHLISO LOQOQOQSHO*

UCebakhulu Dudley Coetzee, uSoli Madikane onguMongameli woPhuhliso loQoqosho noKhenketho, uFanie Krige uGrant Cohen noCharmaine Resandt abangooCeba kutsha nje babehlanganiselene ndawonye negqiza elivakalayo loMbutho wooSomashishini baseKleimond ngentlazane iziixoxo zenxaxheba yeHangklip-Kleinmond kuqoqosho lwaseOverstrand. Le ntlanganiso yangentlazane yayibizwe nguMbutho wooSomashishini baseHangklip-Kleinmond. Ethetha kule ntlanganiso uSodolophu, uthe ummandla waseHangklip-Kleinmond nazo zonke izinto ezitsala umdla ngokwahluka kwazo unegalelo kuphuhliso loqoqosho lwaseOverstrand.

UCebakhulu Dudley Coetzee emva phaya umamele ngomdla uMongameli woPhuhliso loQoqosho noKhenketho ngexesha athetha kwiqela elize kumamela intetho yakhe.

- Indawo eyiClarence Drive, yindlela eveza imbonakalo yelizwe ehlabathini, inqumla kumbindi walo mmandla ze ngolo hlobo itsalele abakhenkethi kummandla waseHangklip-Kleinmond naseOverstrand ngokubanzi.
- Ummandla waseHangklip-Kleinmond ufumaneka phakathi kweKogelberg Biosphere eyaziwa ngokuba yeyokuqala ukubhaliswa ngokusemthethweni eMzantsi Afrika, ubukhulu bayo buqala eGordon's Bay bunabe ukuya kutsho eKleinmond. Le biosphere inkulu kangangeehektare ezingama-18 000 kwaye yiyo kuphela ebalwa namafa namagugu asibhozo esizwe phantsi koUNESCO eMzantsi Afrika.
- IBetty's Bay likhaya lohlobo olulodwa loonombom biya baseAfrika. Aba nombombiya bafumaneka eWaaigat Whaling Station naseStony Point apho bafika bazenzela amakhaya. Eli qela kuphela kwalo elibonakala lisaphila ekubeni kwezinye iindawo elizweni ziyaphela ezi ntaka.
- Ngenxa yobuhle bayo le ndawo abobugcisa abaninzi, abadlali beqonga, ababhali nabafoti bakhethe ukuhlala apha. Oku kuyinike ubuhle obubodwa le ndawo ngeli lixa itsala inani elikhulu labalandeli babatyeleli abafuna ukuzibonela ngokwabo imisebenzi yala magcisa.Apha, uCoetzee akakwazanga kuzibamba echaza ukuba kuyavuyisa ukubona ukuba ezinye zeerestyu eziphezulu zaseMzantsi Afrika zizifumana apha izitya zazo kwenye indawo ebaluleke kakhulu eyenza izitya ezaphukayo eseKleinmond.
- Kwaye kukho iArabella Hotel neSpa enezibonelelo zayo eziphezulu zeenkomfa, enye yeenzuzo zeBlue Flag nolwakhiwo lwakutsha nje kwizibuko eliphambi kweKleinmond.

"Amashishini ale ndawo ngokungathandabuzekiyo anegalelo elikhulu ekukhuleni nasekuphuhleni koqoqosho lwethu. Kodwa ke kukho iqela lezinto ezichaphazela amashishini nokuba nakho kwawo ukukhula. Okubaluleke kakhulu kwezi ziindawo ekuthengiswa kuzo. Ukuze akhule amashishini axhomekeka ekukhuphisaneni kwawo kwiindawo athengisa kuzo. Ngokucacileyo amashishini anegalelo elikhulu ekudalweni kwamathuba emisebenzi, ebonelela ngeenkonzo neemveliso ephucula ubomi babantu bendawo yethu ngaxalinye bewuphakamisa umgangatho wezokhenketho lwendawo yethu.

"Ngenxa yesi sizathu, siligunyabantu siza kuqhuba silixhasa iqonga lezoshishino lendawo yethu kwiinzame zalo ezibaluleke jikelele zokuqinisekisa ukuba amashishini, nokuba makhulu okanye mancinci, anelizwi kwindlela emayiphuhliswe ngayo le ndawo yethu intle kangaka kolu nxweme lwethu ide ifikelele kwinqanaba enokufikelela kulo ukunceda wonke umntu," utshilo uSodolophu.

Ngentlazane yintlanganiso yegqiza loosomashishini iHangklip-Kleinmond eKleinmond Golf Course. Emfanekisweni apha nguHester noLourens van der Merwe ngabameli beOverberg Brochure Management, nguAnecia Abrahams wezoKhenketho eHangklip-Kleinmond, nguCebakhulu Dudley Coetzee, nguCeba Charmaine ResandtnoKobusleRouxongusihlalowegqiza loosomashishini eHangklip-Kleinmond.

I-FYNARTS IVULWA NGESIKHOKELO SE-OKHESTRA

U-Baroque uqokelele amaculo adume ngawo phantsi kwesihloko esithi The Best of Baroque nawalungiselele ukuvulwa kweFynArts ngoLwesihlanu umhla wesi-8 ku-Juni. Kuza kubakho nocuthu lomculo ngokubhalwa nguBach, nguTelemann, nguPachelbel noVivaldi. Konke oku kuququzelelwe ngabakwa Camerata Tinta Barocca, iqela eliphezulu le-baroque orkhestra nelaziwa kakhulu eMzantsi Afrika. NgoMgqibelo umhla we-9 kuJuni eRichard Cock and Friends uRichard uza kuba ebhexesha i-FynArts Festival Orchestra ephelekwa ngu**Timothy Moloi** (kwibaritone) no**Lauren Dasappa** (kwisoprano). Yonwabela umculo weevumi zaphesheya ukusuka e*New York* ukuya eLeonard Cohen's *Hallelujah* kunye namagcisa kwezomculo anamava okudlala umculo kumaqonga amazwe ngamazwe. NgeCawe umhla we-10 kuJuni kuza kubakho umgubho obizwa ngokuba yi-Feast of Opera and Operetta apho uRichard Cock aza kuba ebizela eqongeni abadlali bomculo omnandi nowaziwayo kakhulu. Le okhestra inkulu kangaka kunye nekwayari ehlanganisweyo ziza kuba seqongeni no**Cecilia Rangwanasha** ongumculi-solo owaziwa kakhulu (wesoprano) no**Johannes Slabbert** (webaritone). Amatikiti ayafumaneka eHermanus Tourism nakwiiWeb-tickets. Inkqubo epheleleyo yona ifumaneke kwesi sikhundla **www.hermanusfynarts.co.za**.

UPHANDO NGOKONELISEKA KWEEKLAYENTI

Njengokuba uMasipala waseOverstrand ezama ukunikezela ngeenkonzo ezisemgangathweni uluntu lwaziswa ngophando oluza kukhangela ukuba uluntu luyoneliseka na zezi nkonzo, luza kuqhutywa phakathi kwenyanga kaMeyi noJuni 2018. Olu phando luza kuqhutywa kuyo yonke iindawo eseOverstrand ngokuphelelyo kwaye luza kuba lujolise kwiiklayenti zikaMasipala kunye nabaxhasi bakhe. NgabaCebisi bakwaFEM Research Consultants abaza kuqhuba olu phando kwaye uMasipala waseOverstrand uneenjongo zokusebenzisa iziphumo nezindululo zalo ukuphucula umgangatho weenkonzo azizisa ebantwini. Ngenxa yesi sizathu uMasipala waseOverstrand ucela intsebenziwano yenu xa nibuzwa imibuzo leli qela lophando. Enkosi ngokuncedisana nathi ekuphuculeni iinkonzo esizithumela kuni. *Qhagamshelana neSebe leZokuxhulumana ngale nombolo 028 313 8911 ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe ngokuphathelene nesi saziso.*

KULINDELWE AMAGAMA ABACHONGELWE UKUFUMANA

II-MAYORAL AWARDS ZIKA 2018

Senza ikhwelo kubo bonke abantu baseOverstrand ukuba banikezele ngamagama abawachonileyo abantu ekufuneka beqwalaselwe xa kusenziwa iiMayoral Awards zika-2018. Ngomhla we-4 kuOktobha uCebakhulu Dudley Coetzee uza kwamkela iindwendwe kumsitho oza kuhlonipha abantu, amaqela nemibutho ethe yanefuthe lenkqubela ekuphuculeni iindawo zabahlali nabasoloko besenza nangaphezulu kunokuba kulindelekile. *Abahlali bavumelekile ukuba bangazonyulela umntu wabo okanye umbutho ukuze agoduke nenye yezi mbasa zidweliswe ngezantsi apha:*

Udidi loku- 1: Abagqwesileyo
Udidi lwesi-2:Ophume phambili kwabastyhini ngo 2018
Udidi lwesi- 3: Ulondolozo lokuSingqongileyo
Udidi lwesi- 4: Izakhono kwezoShishino
Udidi lwesi- 5: Uphuhliso kwezoKhenketho
Udidi lwesi- 6: Ogqwesileyo kuLutsha

Qhagamshelana noDoretTaljaard ngale nombolo 028 313 8058 ucele ikopi elilixwebhu lokonyula. Amaxwebhu agcwalisiweyo kufuneka athunyelwe nge-imeyile ku-dtaljaard@overstrand.gov.za okanye asiwe ngesandla kwiOfisi kaSodolophu ungagqithanga umhla wama-31 Agasti 2018.

NGENISA *I-PLANI YOKWAKHA*

Ukuba ucinga ngokuzakhela indlu okanye ukwandisa le khoyo kufuneka ungenise iiplani yakho yokwakha kwaMasipala ukuze ayikhangele ukuba ifanelekile. Phambi kokuba uthenge indlu esele imile bubulumko ukuba ukhangele amaphepha-mvume ukuba akufumaneke ngokusemthethweni na. Khumbula ukuba xa uthenge ipropati, wena uba ngumnini wayo ngokusesikweni, loo nto ithethe ukuba luxanduva lwakho ukuqinisekisa ukuba onke amaphepha ahambelana nemiqathango emiselwe yi-National Building Regulations and Building Standards Act, Act 103 of 1977, namanye amasolotya ahambelana nalo mthetho.

- IiNkonzo zoKwakha zinamaxwebhu okufaka izicelo. La maxwebhu afumaneka kule webhusayithi yaseOverstrand ilandelayo: www.overstrand.gov.za: Click on Documents/ Forms/Building Services.

IIPLANI ZOKWAKHA

Zonke iiplani zokwakha ziyafumaneka kwii-ofisi zeSebe leeNkozo zoKwakha. Abantu bavumelekile ngamaxesha omsebenzi ukuba bazibone. Iikopi zeeplani zokwakha nazo ziyafumaneka (kukho intlawulo), ngabanini propati okanye umntu onobungqina obubhalwe ngumnini propati oya kuvunyelwa ukuba azibone ezi plani okanye afumane ikopi. Impendulo efanelekileyo yokuqwalaselwa kwesicelo ifumaneka emva kweentsuku ezingama-21 ngaphandle kokuba kukho into engekho mgaqweni. Qhagamshelana neSebe leeNkozo zoKwakha elilungelene nomcimbi wakho kwii-ofisi zikamasipala okufutshane nawe ukuze ufumane amaxesha neentsuku ezibekelwe iindibano.

- KWII-OFISI ZOLAWULO- EHARMANUS KUPHELA - Iintlanganiso eziphathelele kwiiplani zokwakha zihlala rhoqo ngoMvulo. ULwesithathu lusuku lokugqibela lokufaka izicelo zazo nezithi zifumane ukuqwalaselwa kuMvulo weveki ezayo ngo-15:30.

AMAFA NAMAGUGU ESIZWE

Izakhiwo ezineminyaka engama-60 nangaphezulu ubudala zikhuselekile phantsi komthetho weNational Heritage Resources Act, Act 25 ka-1999. Utshintsho olunokuthi lweziwe kuzo kufuneka lufumane inkxaso yeLocal Heritage and Aesthetics Committee ukuze lowo wenza utshintsho (umnini wayo) athwale uxanduva lokuthumela isicelo kwiHeritage Western Cape ukuze sifumane ukuqwalaselwa. Emva koko iiplani kufuneka zibuyiselwe kwiSebe leeNkozo zoKwakha kwakhona ukuze zifumane ukuqwalaselwa. Ngoko ke, phambi kokuba wenze naluphi na utshintsho kwisakhiwo ocingela ukuba iminyaka yaso ingaphezulu kwama-60 eminyaka, bubulumko ukuba ufumane iingcebiso kwiSebe leeNkozo zoKwakha ukuqinisekisa ukuba isakhiwo/indlu okanye ibala elo asikho kwisigaba sokuba lilifa negugu lesizwe kusini na.

INKQUBO

Ngenisa iiplani zakho ngokweesethi ezimbini (amaphepha anombala), kunye neekopi zetayitile ezigcwaliswe ngokupheleleyo kunye noxwebhu lesicelo seSANS. Kuza kuthi nje ukuba la maxwebhu angentla apha angeniswe, liqale iSebe leeNkozo zoKwakha ukubala intlawulo-mali nedipozithi yomakhi (apho kukho imfuneko).

- I-Sebe leeNkozo zoKwakha liza kwazisa xa iiplani zakho zilungile ukuze wena uze kuzilanda.

UKUHLOLWA KWESAKHIWO NGOKUSEMTHETHWENI

Akukho sakhiwo siza kuhlala mntu engasikhuphelanga isitifiketi sokungena kuso njengomnini waso.

1. Ukumisa kwesiseko kuyahlolwa

Kuza kwenziwa isicelo sokuhlola ukumisa kwesiseko xa sekuboniwe ukuba isiseko siza kombiwa jani ukuze sombiwe ngokweplani esemthethweni (ekufuneka ikho kule ndawo yesakhiwo). **- Zonke iibhakana kufuneka zibonakale.** Ukombiwa kwesiseko kufuneka kuhlolwe ligosa lokwakhiwa kwezindlu ngalo lonke ixesha, nokuba injineli enamaphepha emfundo sele iqashiwe. Uxwebhu lokuhlola ukombiwa kwesiseko kufuneka ligcwaliswe kwiSebe leeNkozo zoKwakha ngokusu olandulela le mini yokuhlola ukombiwa kwesiseko.

2. Ukuhlolwa kwemibhobho yamanzi

Kuza kuthi nje ukuba umsebenzi odibene nemibhobho yamanzi ugqitywe kule propati kwenziwe isicelo sokuhlola le mibhobho ngeli xesha umhlaba ungekagalelwa.

3. Ukuhlolwa kwamatanki

Kuza kuthi nje ukuba itanki yokugcina ilindle igqitywe (enomthamo oyi-5 000ℓ okanye enomthamo oyi-10 000ℓ) kwenziwe isicelo sokuhlola itanki. Kufuneka eli tanki lihlolwe liSebe leeNkozo zoKwakha ngosuku oluphambi kokuba iSebe lokuSetyenziswa kooMatshini lifakele imibhobho, ze emva koko likhangele ukuba itanki elo liyasebenza na.

Qaphela: Amatanki eplastiki awasayi kuvumeleka.

4. Uhlolo lokugqibela

Kuza kwenziwa uhlolo lokugqibela emva kokuba isakhiwo sigqitywe ngokupheleleyo. ISebe liza kwenza isicelo sokuba kungeniswe izitifiketi ezithile phambi kokuba uhlolo lunikwe amaphepha asemthethweni:

- Uphahla luza kufuna iSitifiketi seNjineli
- Iiglasi ezintsha ezifakelweyo ziza kufuna iSitifiketi soMfakeli
- Ukufakelwa kweGesi/ kuza kufuneka iSitifiketi seMpilo noKhuseleko (iza kufakelwa ngumntu onamaphepha okwenza lo msebenzi)
- ISitifikethi seGcisa lokwakha esiNgqina ukwenziwa kwalo msebenzi ngendlela nesibandakanya (Architect's Compliance Certificate) iMiqathango emitsha emiselwe ukusetyenziswa kweGesi ngendlela ekhuselekileyo (i-new Energy Sufficiency Regulations) (iSANS 10400 PART XA).

Emva kokuba uhlolo lokugqibela luphumelele, isitifiketi sokungena siza kukhutshwa ze imali iyidiphozithi yomakhi ibuyiselwe kumnini-propati (ukuba lukho olu hlobo lesicwangciso).

Qaphela: Intlawulo yemali eyidiphozithi ayihlawulwa kumnini propati izinkozo koko ifakwa kwi-akhawunti yakhe kwamasipala.

ISebe leeNkonzo zoKwakha lifumaneka phi?

HERMANUS ADMINISTRATION
• 16 Paterson Street, House nr 2 • Ifoni: 028 313 8089
• tfisher@overstrand.gov.za

KWI-IOFISI ZOLAWULO E-GANSBAAI
• 1 Kapokblom Street • Ifoni 028 384 8321
• mcrafford@overstrand.gov.za

KWII-OFISI ZOLAWULO E-STANFORD
• 17 Queen Victoria Street • Ifoni: 028 341 8500
• ncornelius@overstrand.gov.za

KWI-IOFISI ZOLAWULO E-KLEINMOND
37 Fifth Avenue • Ifoni: 028 271 8427 • mbosman@overstrand.gov.za

KHANGELA UFUMANE ITYHUBHU YOKUDADA!

Iqela labahlanguli baselwandle i-NSRI Station 17 eHermanus yenze itheko ngenjongo yokubulela iityhubhu zokudada abazifumene ngesisa kubaxhasi babo. Emfanekisweni nguMphathi oyiNtloko: uJean de Villiers (ekhohlo) kwiNkonzo yeeNkqubo zemisebenzi ekwiiOfisi zoLawulo eHermanus Operational Services, ibe nguMike no Elaine Bayer baseBeanery nabantwana babo, nguSeugnet Martin noLilani Radley baseWooden Ways noJacques Mangiagalli osuka eHermanus Round Table 267 kwakunye noDeon Langenhoven we-NSRI. Ngelishwa, uHolly Bellingham waseSumaridge, uRyno van der Berg osuka from BDC Wireless, uDeWaal Steyn waseVillage News,iqela elisuka kwaTalisman Tool Hire, uDrikus noWietske de Wet, kwakunye noSuzan neqela elisuka eSerendipity Bar eDe Kelders, abakwazanga kuzimasa lo msitho.

Abantu abaninzi banexhala lokuba ezi tyhubhu zokudada ziza kuthathwa kwezi ndawo zalathwe kuzo, kodwa njengokuba bekulindelekile akhange kubekho ngxaki kangako. Ityhubhu zokudada ezithathiwe kwichibi laseKleinmond ziphinde zabuyiswa kwiintsukwana nje ezimbalwa."Ukuze isebenze le projekthi abahlali bayacelwa ukuba bazigcine kakuhle ezi tyhubhu njengoko zibekelwe ukunceda bona. Ngolu hlobo singasebenzisana ukusindiseni ubomi," wongeza watsho uLangenhoven.

UMDLA OBONAKALISWE NGAMAQELA NGEXESHA LOMBHIYOZO WOKONWABELA EZEMIDLALO!

Imidlalo yamagqibela kaNkqoyi kuMbhiyozo wokonwabela eZemidlalo eOverstrand (eOverstarand Sports Festival), ebe ibanjwe ngoMgqibelo umhla wama-21 kuAprili eHawstonSport Grounds ungqine ukubakho kwetalente kwezemidlalo eOverstrand. Kwibala lebhola embhoxo iHawston itywatyushe iKleinmond ngamanqaku angama 52 - 24. I-Kleinmond iqhokre kuqala kumdlalo weqakamba oqhutywe ngocwangciso lwe 20/20-format yaphinda-phinda izihlandlo ezingama-56. I-Hawston iwise uthinti kwakanye xa bekusiya kutshintsho lwesi-8. Iqela lebhola yomnyazi eHermanus lohlule iMount Pleasant iqela ebe bekhuphisana nalo kwiNetball Challenge. I-Gansbaai igoduke nendebe ebizwa ngokuba yiLegends soccer trophy. (i-Legends soccer ngumbutho wabadlali bebhola ekhatywayo bakudala). I-Young Ideas yohlula iThemba Team kumdlalo wamagqibela kankqoyi webhola ekhatywayo. Omabini la maqela ngawaseZwelihle.

IMIQATHANGO YOLONDOLOZO LWAMANZI E-HERMANUS: Isimo samaqondo ukususela ngomhla wama-30 kaEpreli 2018

Imvula enethileyo eHermanus ngoAprili 2018 ngama-29.2 mm, loo nto yenze imvula eli-137.8 mm ukususela ngoJanuwari 2018. I-avareji yemvula enetha eHermanus kwisithuba sexesha elide ngama-620 mm ngonyaka. Ngo-Aprili 2018, i-avareji yamanzi afunekayo ngosuku ifikelele kwizigidi ezisi-9.3 zeelitha ngosuku, xa kuthelekiswa nezigidi ezili-10.8 zeelitha zamanzi ngosuku ngoAprili 2017. Oku kuthetha ukuthi ngamanzi ayi-14.2% (okanye izigidi ezingama-46.2 zeelitha zamanzi) ngoAprili xa kuthelekiswa noAprili wonyaka ophelileyo. Okwangoku, eHermanus ngoAprili irhafu ayizi kunyuswa ngenjongo yokucutha imfuneko yamanzi. Kodwa ke le meko iza kuphinda ihlolwe kwakhona ekupheleni koMeyi.

- Idama laseBuffels River, elinikezela amanzi eRooi-Els, ePringle Bay naseBetty's Bay, nangoku lisamile kuma -80.5% omthamo walo, ngeli xesha iKraaibosch dam eGansbaai limi kuma-76.6% yona iPearly Beach dam imi kwi-100%.
- Ukuza kuthi ga ngoku, izitsalamanzi ngaphantsi komhlaba ezinikezela amanzi eHermanus, eStanford, eBaardskeerdersbos naseBuffeljagsbaai akhange zichaphazeleke kakhulu yimbalela.

UMasipala waseOverstrand uza kuqhubeka nokwalusa ukunikezelwa kwamanzi kuyo yonke imimmandla ephantsi kolawulo lwakhe, imiqathango eyongezelweyo iya kusetyenziswa kusakubakho imfuneko.